**Igama elitsha amabaliqhele (ukuqwalasela kwakhona)**

watsho

**Igama elitsha amabaliqhele**

ukuqhayisa

**Izandi (ukuqwalasela kwakhona)**

dl, gq, hl, kh, kw, lw, nd, ng, ny, ph, sh, th, ts

**Izandi**

mv (**mv**ubu, i**mv**ubu, e**mv**a, bo**mv**u, nge**mv**a, i**mv**elo, i**mv**ula)

ndl (umvu**ndl**a, Mvu**ndl**a, bomvu**ndl**a, zase**ndl**e, **ndl**ovu, i**ndl**ovu, **ndl**ulamthi, ne**ndl**ulamthi, **ndl**u, ngesa**ndl**a, kwe**ndl**ebe, kwakusekwi**ndl**a, e**ndl**eleni, uma**ndl**alo, ama**ndl**a, ngama**ndl**a, ne**ndl**ela)

VulaBula Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy

Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation

✶✶✶✶✶ *Umvundla nofudo*

- Umhleli wothotho: Jenny Katz
- Abaqambi bamabali: Jenny Katz noMirna Lawrence
- Umsebenzi: Jenny Katz
- Incutshe kulwimi isiXhosa: Nolitha Bikitsha
- Umzekelisi: Sandy Campbell
- Uyilo nongqaleko: Resolution

© 2013 Molteno Institute for Language and Literacy

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN 978-1-77580-150-4




Kwakukho umvundla othanda ukuqhayisa ngamendu. Wawusakuzihleka ezinye izilwanyana zasendle, 'Wena mvubu nawe ndlovu, nibakhulu niyacotha! Wena ndlulamthi, ndingakushiya emva kude le-e! Wena fudo, lusizi okwakho. Uyacotha nale ndlu yakho emqolo!'



Imvubu, indlovu nendlulamthi zakhathazeka. Ufudo lwaba bomvu ngumsindo lwawuphikisa.

Wahleka umvundla usinga ngesandla emva kwendlebe waphendula, 'Uthini? Ndikuva kakuhle? Singabaleka ugqatso ngomso oku!'



Kwakusekwindla, emva kwemini, umvundla nofudo babelungele ugqatso.

Izilwanyana zasendle zeza kubukela.

Yaluqalisa ugqatso indlovu, 'Mayisuke, isuke, yasuuuuuka!



Watsho ngeyona mitsi umvundla.
Wajonga ngemva, wangaluboni ufudo.

Wacotha wabuka imvelo yendalo endleleni.

Adibanisa amafu yanetha imvula. Kuba wawuqinisekile ngokuphumelela ugqatso, wazakhela umandlalo umvundla walala.

Lwadlula ke lona ufudo!



Emva kwexesha yayeka imvula ukuna. Waphaphama umvundla waphunguza. Laliselimkile ixesha, nesiphelo sogqatso singekude. Wabaleka ngamendu amandla umvundla.



Wajikela ikona yokugqibela ... Hayi bo! Wawubona ufudo esiphelweni!

Wabaleka ngamandla nangemitsi umvundla ungasaboni nendlela. Watsho emva kwesithonga! Ufudo lwaluphumelele!



Imvubu, indlovu nendlulamthi zaqikileka kukuhleka!

Bajika baba bomvu ubuso bomvundla kukuhlazeka.

Ufudo lwalunosizi, 'Siyazi, uyabaleka. Yeka ukuqhayisa ngamendu akho, Mvundla.'

Wafunda isifundo umvundla.

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

Vula Bula

**INQANABA loku- ✶ (8)**

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

**INQANABA lesi- ✶✶ (7)**

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

**INQANABA lesi- ✶✶✶ (6)**

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶ (5)**

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶✶ (6)**

Idabi lomoya nelanga
**Umvundla nofudo**
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

## ISIXHOSA

ZENEX FOUNDATION
MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY
CC BY NC ND

ISBN: 978-1-77580-150-4
9 781775 801504